



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2020

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: iiyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl.), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

- 1.1 Izikhubekiso zindenze ndangulo mntu ndinguye [50]
- 1.2 Ushishino lusingumbululo sentswelo msebenzi. [50]
- 1.3 Ukukhululwa kwamabanjwa entolongweni phambi kwexesha. [50]
- 1.4 Inkovu iphuma ethangeni. [50]
- 1.5 Ubomi emva kwebanga leshumi elinambini. [50]
- 1.6 Ukulunga nokungalungi kokufunda izifundo ngolwimi lwesiXhosa. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.


1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.images.com waza wahlelwa]

[50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com waza wahlelwa] [50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela uMphathiswa wezeMfundo wephondo lakho ucele ukuba kupheliswe iinkampu ezenzelwe ukwazana kwabafundi abatsha ezikolweni. [25]

2.2 IRIVYU

Bhala irivyu yencwadi obe uyifundile. [25]

2.3 I-OBHITSHUWARI

Bhala i-obhitshuwari yemvumi oyaziyo. [25]

2.4 INTETHO ESESIKWENI

Bhala intetho esesikweni oza kuyenza kumsitho wosuku lootata enkonzweni yakho. [25]

2.5 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo ephakathi kwegosa lakwaMasipala nomhlali malunga nendima edlalwa nguMasipala. [25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50

AMANQAKU EWONKE: 100